URhulumente weNtshona Koloni
EzeMfundo

ICandelo leKharityhulam ye*GET*

Isalathiso: 20170822-4153
12/2/8/1
Imibuzo: L Ngondo
P Smit

INgcaciso eMfutshane yeKharityhulam ye*GET*: DCG 0017/2017

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli, kumaSekela-Balawuli (kwaNdlunkulu nakwii-ofisi zezithili zemfundo), kwiiNtloko zoQuquzelelo neNgcebiso ngezeKharityhulam, kwiiNtloko zeCandelo leNkxaso eKufundeni, kwiiNtloko zoQuquzelelo neNgcebiso ngeze-*IMG*, kuBaphati beeKomit zeeSekethe, kwiiNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kumaSekela eeNgcali zeMfundo eziziiNtloko nakwiiNqununu zezikolo eziziprimari neziziisekondari

Isihloko: Uluhlu lweencwadi ezimiselweyo zokuFunda uNcwadi zamaBakala 7 – 9 ngo-2018

1. NgokweNkcazo yoMgaqo-nkqubo weKharityhulam noVavanyo (*Curriculum and Assesssment Policy (CAPS)* weeLwimi kwiSigaba esiPhakamileyo (amabakala 7-9), abafundi kufuneka benze "ukufunda okuqingqiweyo kweetekisi zokufunda" ("formal study of literary texts"), kubandakanywa amabalana amafutshane, iinoveli, isihobe nedrama.

2. Fumana apha kuqhotyoshelwe uluhlu lwephondo lweencwadi ezicetyiswayo zokuFunda uNcwadi zamaBakala 7 – 9 zika-2018.

3. Kucetyiswa izikolo ke ngoko ukuba zijonge iNgcaciso eMfutshane yeCandelo lokuXhasa Amaziko Ngezibonelelo: 0005/2013 phambi kokuba zisebenzise uluhlu loncwadi lokugqibela luka-2018 ukuthenga uncwadi.

4. Izikolo maziqaphele ukuba injongo yolu luhlu kukunceda ootitshala beelwimi bamaBakala 7 – 9 ekukhetheni iitekisi zokufunda. Iitekisi zokufunda ezininzi zibandakanya imibuzo, ukwenza izicelo (*applications*) namanqaku aziingongoma eziphambili (*notes*) ukunika inkxaso abafundi. Malunga nezihloko ezithile kukho uncedo olufumanekayo kwi-intanethi. http://education.slims.gov.za

ISAYINWE: NGU-PAD BEETS
ISEKELA MLAWULI-JIKELELE LOLAWULO LWEKHARITYHULAM NOVAVANYO
UMHLA: 2017-10-20

Lower Parliament Street, Cape Town, 8001
tel: +27 21 467 2588/2244 fax: 086 241 7576
Safe Schools: 0800 45 46 47

Private Bag X9114, Cape Town, 8000
Employment and salary enquiries: 0861 92 33 22
www.westerncape.gov.za